Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

AGASTI 2015

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

Abafundi baseHawston bagcineke bekhuselekile ngeli thuba leziholide zaphakathi enyakeni

Ngeli thuba leeholide zaphakathi enyakeni, ulutsha oluvela eHawston luphinde lwafumana ithuba lokuvavanya inkqubo eyonwabisayo ebonelelwa ngobubele beThala leeNcwadi laseHawston, iSikolo samaBanga aPhantsi saseHawston kunye ne-Safe Schools Education ukususuka ngowe-6 ukuya ngowe-17 kuJulayi kwiZiko iThusong.

Le nkqubo ithe yabanelisa kuthakazelelo lwabo lolwazi kunye nomqweno wokwandisa ingqiqo yabo – ngamanye amazwi, baya bafunda ukuba 'krelekrele' kwindawo ekhuselekileyo.

Kutyunjwe abafundi abakwizikolo zamabanga aphantsi nasesekondari abakumyinge weminyaka esuka kwemi-6 ukuya kwemi-17, injongo yale nkqubo kukugcina abantwana bekhuselekile, bonwatyisiwe kwaye bengekho zitalatweni ngethuba leeholide ngokuthi baguqulele ubutsha kunye namandla abo kwizinto ezakhayo.

Kudederhu lweentetho eziyalelayo kwimiba yokusingqongileyo, ingxabiseko, umgagatho kunye nokhuseleko, injongo kukudlulisela izakhono zobomi kwangaxeshanye kusakhiwa umntu omtsha waseOverstrand ozithembayo, ozivayo, ophumeleleyo kunye nonentembeko. Kulungiselela abantwana abancinane, imiyalezo equlathe izakhono zobomi ezifanayo iye yabethelwa ngokusebenzisa imiboniso yoonodoli noonopopi kunye nokubalisa amabali, nebeziqhawulwa yimiboniso yeetalente nalapho amagcisa asakhasayo ebengqawuza ebonisa ngeetalente zawo .

Nanjengoko ingunyaka weshumi iqhutywa le nkqubo, kulo unyaka ibonelele abantwana abamalunga nama-50 ukuya kuma-200 ngosuku ukususuka nge-09:00 ukuya nge-13:00.

Abasebenzi abali-15 beNkqubo yemiSebenzi kaRhulumente eNxananazileyo bavolontiye ngeenkonzo zabo benceda ukulawula abantwana ngelixa iinkqubo zemidlalo zibonelelwa ukususuka nge-6 ukuya nge-10 Julayi beziphantsi kweliso elibukhali le-VCSV (Verenigde Christelike Studentevereniging). Ukusukela nge-13 ukuya kutsho nge-17 Julayi, ababoneleli abaninzi abohlukeneyo abafana ne-Child Welfare, Working for Fire kunye neSebe loPhuhliso lweNtlalontle bengenise iinkqubo ezongezekileyo.

Bekungenwa mahala kwaye abantwana bebebonelelwa ngezindlo zakusasa nasemini mihla le. UMasipala waseOverstrand ubebonelela ngebhegana ezinezimuncumumncu kunye nezinto zokudlala kumntwana ngamnye olapho.

Nawuphi na umbutho okanye umntu ongafuna ukwenza igalelo kwinkqubo yalo nyaka uzayo okanye ongafuna ulwazi iluthe vetsha angaqhagamshelana nomququzeleli wale nkqubo uNks Belinda May kwezi nombolo 028 315 1126 okanye ngeimeyili bmay@overstrans.gov.za

ULUNGELELWANISO LOMBHALO OMNCINANE KWIAKHAWUNTI YAKHO KAMASIPALA

UMBANE

- Iintlawulo zombane weemitha zetyala ziya kulungelelaniswa nge-7.39% ukususuka ngowo-1 Julayi 2015
- Iintlawulo zombane ohlawulelwa kwangaphambili (prepaid meters) ziya kulungelelaniswa ukuya kwi-R424.00 ukususuka ngowo-1 Julayi 2015.

AMANZI

- Nceda uqinisekise ukuba iimpompo zivaliwe xa ungekho ekhayeni ukukhusela ukulahleka kwamanzi okungeyomfuneko ukuba kungakho ukuvuza ungekho
- Nceda uqinisekise ukuba uneinshorensi equka isiganeko sokuvuza kunye nokugqabhuka kwemibhobho okungenzeka kwipropati yakho.
- Usetyenziso lwamanzi lubalwa ngokungqinelana nesikali esehlayo. Inani leentsuku phakathi kokufundwa kweemitha kumele ukuba kuqwalaselwe. Ifomula ingafumaneka kwiiofisi zolawulo ezikufutshane nawe.
- Nceda ungaphathaphathi okanye ubhucabhuce iimithi ezithintelayo zamanzi ngokuba ngokwenza njalo ungabangela ukuba ubonelelo ngamanzi kumzi wakho kurhoxiswe okwexeshana.

INKUKUMA

- Imigqomo okanye ibhegi zenkukuma kumele ukuba zibekwe epavumenteni nge-07:00 ngosuku lokuthatyathwa kwenkukuma kuphela.

UGUTYULO

- Ixesha elingumnqamla juqu xa kuthuthwa ilindle ngeetanki ngolo suku lothutho yi-15:00. Nasiphi na isicelo sothutho lwelindle ngeetanki esifumaneke emva kwe-15:00 siya kuhlawuliswa ixabiso laqho ngeyure emva komsebenzi okanye into engenziwa engenye kukuba kulindwe de kube lusuku lokusebenza olulandelayo.

IIAKHAWUNTI

- Iiakhawunti mazihlawulwe ngaphambi okanye ngomhla wama-20 enyanga elandelayo.
- Nceda uhlawule iiakhawunti zakho kwangexesha khona ukuze uphephe ukuhlawula imirhumo yoqokelelo, inzala, iintlawulo ezinyusiweyo kunye nokurhoxiswa kunye/okanye ukucuthwa kweenkonzo.

UNXIBELELWANO

- Ukuqinisekisa impendulo ekhawulezileyo malunga nemibuzo kwiakhawunti yakho, nceda thumela ngqo imibuzo yakho ngeimeyili ku enquiries@overstrand.gov.za. Sithembisa ukuphumelela kuphelanga iintsuku ezili-10.
- Isigidimi senyanga saseOverstrand sifumaneka ku- www.overstrand.gov.za.

UMBHIYOZO WOSUKU LWELIFA LEMVELI ONOMAHLUKO - ZITIKE KWILIFA LEENTYATYAMBO ZETHU

Ubuhle baseHermanus, nobenza ukuba abandwendweli baquqe bebuyelela, buxhomekeke kakhulu kwizihlahla ze-fynbos. Ukusuka ngowama-24 ukuya ngowama-27 Septemba, i Fernkloof Nature Reserve iya kube ivumela uluntu ukuba luzitike lubukela umangaliso wobuhle beprotiya kunye ne-erika ngemiboniso ehlaba umxhelo eya kube isindlekwe yi-Hermanus Botannical Society.

Njengokuba kubonakala ukuba sithanda 'ubandakanyeko' nje, ezo zidalwa sabelana nazo imvelo esingqongileyo ingathi nazo ziye zamenywa kule pati! Yiza kudibana nazo ngqo phakathi kwezi zizihlahla!

Lo mbiyozo untsuku-ne uya kubonelela ngeehambo ngenyawo ezinekokheli, imiboniso yobomi basendle, ubugcisa kunye nokutya okuphekwe ekhaya kwezo ntente zilapho kwakunye neenkqubo ezonwabisa abantwana. Kwaye, njengesithethe, iiti kunye nezindlo zasemini ezimnandi ziya kubonelelwa ngeli xesha lombhiyozo lonke.

Imirhumo yokungena R20 (R10 kwabadla umhlalaphantsi ngoLwesihlanu). Akukho ntlawulo kubantwana

Ulwazi oluthe vetshe Tsalela 028 313 0819 okanye ndwendwela botsochermanus@telkomsa.net www.facebook.com/hermanusbotanicalsociety

UKUCHONGWA KWIWONGA LIKASODOLOPHU LANGO-2015

KuBusuku boGqweso bamiNyaka le, imbeko inikwa abagqwesileyo nabenza umahluko eOverstrand ngokuwongwa ngeNdebe kaSodolophu kuLondolozo lweMvelo esiNgqongileyo, uMntu oBhinqileyo woNyaka kunye neWonga labaGqwese ngokuBalaseleyo.

Kulo unyaka uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uza kunikezela ngala mawonga nge-25 kuAgasti 2015. Ukuchonga umntu kulindiwe kwaye kumele ukuba kube sele kwenziwe kwaye kwangeniswa ngaphambi okanye ngoLwesihlanu, 7 Agasti 2015.

Ukuchonga umntu umchongela iNdebe enendumasi kaSodolophu engoLondolozo lweMvelo esiNgqongileyo kungangeniswa kuLiezl Bezuidenhout kule imeyili lbezuidenhout@overstrand.gov.za .

Ukuchonga umntu obhinqileyo waseOverstrand nothe wenza umahluko kwingingqi yakhe nekumele ukuba aqwalaselelwe iWonga loNyaka loMntu oBhinqileyo kungangeniswa kuElize Verrij kule imeyili everrij@overstrand.gov.za.

Abaqwese ngokubalaseleyo kwindawo zabo bona batyunjwa ngooceba. Ukuchonga umntu okunezizathu ezikhuthazayo kungangeniswa ngesandla nakuwuphi na uceba okanye kuthunyelwe kuElize Verrij kule imeyili everrij@overstrand.gov.za

Ukuchonga umntu kungathunyelwa nakwiOfisi kaSodolophu okanye ifekselwe kwezi nombolo 028 313 8067.

Nceda uqaphele ukuba konke ukuchongwa okwenziweyo kumele kukhatshwe ziinkcukacha zoqhagamshelwano ezipheleleyo zomchongi kunye nomchongwa.

Abadala okanye abakhubazekileyo? Mhlawumbi kumele ufumane isaphulelo kwiirhafu zepropati

Ukuba ungumntu odla umhlalaphantsi okanye okhubazekileyo onomvuzo womzi wonke wenganya ongadlalanga kwi-R11 280, ingathi ungalungela ukufumana isaphulelo esikhethekileyo kwirhafu zepropati.

Ukuze ukulungele ukufumana esi saphulelo sikhethekileyo kumele ukuba:

- Ube ngummi woMzantsi Afrika kwaye ube ngumnini wepropati obhalisiweyo
- Ube neminyaka engama-60 ubudala okanye ube ufumana isibonelelo sokhubazeko kuRhulumente; kwaye
- Ube uhlala kwipropati yakho wena buqu.

Qaphela ukuba ukuba ipropati ekuthethwa ngayo ineendawo zokuhlala ezingaphezulu kwenye kwaye wena mceli kumele ukuba ungabi ngumnini weepropati ezininzi.

Ngolwazi oluthe vetshe ngezi zaphulelo ezibonelelwa kubadli mhlalaphantsi kunye nabantu abakhubazekileyo, qhagamshelana neofisi yolawulo yaseOverstrand ekufutshane nawe.

Umbhiyozo i-Funky Fynbos uThembisa uThotho loLonwabo kuSapho Lonke

Uyilelwe ukuba wazise abandwendweli eGansbaai kunye nezinye izinto neendawo ezitsala umdla, le dolophu iya kube isindleke uMbhiyozo i-Funky Fynbos isihlandlo sesibini kulo nyaka ngempelaveki ye-18-20 Septemba 2015.

Kuluhlu lwezinto eziya kwenziwa kuqukwa umdyarho weebhayisekile zeentaba, ukubaleka kwindledlana ezingumzila kunye nokhuphiswano lwee-4x4. Ukongeza kumabhaso emali azikhozo akhoyo, abaphumeleleyo kolu khuphiswano ngalunye baya kuwongwa ngeevawutsha ezibangenisa kuntywilo nokrebe, uhambo ngenqanawa kubukelwe iminenga okanye ukuhlala mahlala eGansbaai.

Ukungena kumbhiyozo kunye nezitendi kumahala akuhlawulelwa, kodwa umrhumo wohlawulwa xa ungenela naluphi na ukhuphiswano olugunyazisiweyo.

Ngeenkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela www.funkyfynbosfestival.co.za www.xplorio.com/gansbaai okanye www.gansbaaiinfo.com.

IZILWANYANA EZIBHADULAYO ZIZA KUBANJWA, NGENDLELA ENOBUNTU

Ngowama-24 Juni 2015, uMthetho kaMasipala osaYilwayo ongokuBanjwa kweziLwanyana uthiwe thaca kwiBhunga. Injongo yalo mthetho kaMasipala kukuqinisekisa ukuba abemi beseOverstrand, abanini-propati kunye nabasebenzisi-ndlela, xa bebonke, kufanele ukuba bakhuseleke kwiingozi ezingenziwa zizilwanyana ezinjengamahashe, iinkomo, iigusha kunye neehagu ezibhadulayo.

Kwangaxeshanye, umthetho kamasipala umisela ngaphandle kwamathandabuzo ukuba zingakhathalelwa, ziphathwe kwaye zichithwe njani izilwanyana ezifunyenwe zibhadula nje ukuba zibanjwe.

Sithetha nje, umthetho kamasipala umisela ukuba izilwanyana ezibhadulayo zingabanjwa zithinjwe kangangeentsuku ezisixhenxe ngaphambi kokuba zichithwe, emva kokwazisa umnini apho kukwazekayo ukuqhagamshelana naye. Ngokwesindululo seHermanus Animal Welfare Society, intlawulo engahlawuliswa ngesilwanyana ngasinye esibanjiweyo ingasisixa-mali seR59.95 ngosuku. Le ntlawulo, nangona kunjalo, isaxoxwa kunye neSebe leziMali laseOverstrand.

Naye nabani na onomdla kulo mthetho kamasipala undululwayo, ngakumbi, iintlawulo ezinyanzeliswayo malunga nezilwanyane ezibanjiweyo, makancede aqhagamshelane neNtloko kuNyanzeliso loMthetho eOverstrand, uLester Smith, kwezi nombolo 028 313 5041 okanye athumele i-imeyili ngqo lsmith@overstrand.gov.za. Iikopi zalo mthetho kamasipala zingafumaneka kwiofisi kamasipala ekufutshane nawe okanye kwiwebhusayithi egunyazisiweyo yaseOverstrand: www.overstrand.gov.za

NCEDA KUGCINWE ABAHLOBO BETHU ABABHADAZAYO BEKHUSELEKILE

Egameni le-African Penguin and Seabird Sanctuary eGansbaai, *i-Bulletin* icela ukuba bonke abafundi bayo baqaphele esi sicelo silandelayo:

Ukuba uthe uhamba elunxwemeni waze wadibana nonombombiya okanye ingabangaba elibonakala lilahlekene nendawo yalo, nceda wenze oku kulandelayo:

- *Tsalela kumnxeba wosindiso we-APSS ongu- 072 598 7117 ngaphandle kwamathandabuzo.*
- *Zama ngandlela zonke ukugcina abantu abanomdla kunye nezinja bekude de kufike abasindisi bakwa-APSS.*

Ngalo lonke elo xesha nceda musa ukuzama ukuyifida okanye uyibuyisele emanzini le ntaka.

NGOBUCHULE NANGEMFUDUMALO - BUKELA UMBETHI WE-CELLO OMANGALISAYOEYIDLALA

O·A·K
overstrand arts • kunste

I-OAK iza kusindleka umbethi we-cello osemncinane nomangalisayo **uBen Capps** ovela eNew York kwikonsathi yangeCawe emva kwemini, 16 Agasti eHermanus Civic Auditoruim.

UCapps uza kudlala imisebenzi kaBritten, Debussy, Chopin kunye noMendelssohn.

Ikonsathi iqala ngo-15:30

Qinisekisa ukuba uzibhukishela kwakamsinyane ukuphepha impoxeko.

Amatikiti li-R120 (R60 kubafundi) kwaye ungabhukisha eBELLINI GALLERY kwanombolo 028 312 4988. Ngolwazi oluthe vetshe, nceda qhagamshelana noRené du Plooy kwezi nombolo 082 940 4238.

uBen Capps